



Inombolo yefayili: 26/1/P  
Isalathiso: 20240227-2025

ISetyhula: 0005/2024

Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela-Balawuli beeNkonzo zeZiko kwiZithili, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Ukunika ingcaciso kwiinqununu nakumabhunga olawulo ngemisebenzi yabo eyimbophelelo ngokomthetho ngokubhekiselele kwimisebenzi yezopolitiko (political activities) ngexesha lesikolo*

**ISihloko: Ukuthintelwa kwemisebenzi yezopolitiko (political activities) ngexesha lesikolo**

1. Injongo yale setyhula kukunceda nokunika ingcaciso kwiinqununu, kubasebenzi, nakumalungu ebhunga lolawulo kwizikolo zikarhulumente malunga: (a) nendlela yokulawulwa kwemisebenzi yezopolitiko ngexesha lesikolo kunye/okanye kumasango esikolo; kunye (b) nemisebenzi yabo eyimbophelelo ngokomthetho yokuthobela yonke imithetho yolawulo esebenzayo. Le setyhula ikwanenjongo yokuqinisekisa ukuba imisebenzi yezopolitiko yamaqela ezopolitiko ayiphazamisani nexesha lokufundisa, nokuba ixesha lesikolo lisetyenziselwa imisebenzi yezemfundo kuphela yaye ukufundisa kungqinelana nemisebenzi eyimbophelelo ngokomthetho yokungathathi cala kwezopolitiko ngokwemithetho karhulumente emiselweyo ebhaliweyo.
2. Imigqaliselo echaphazelekayo kuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1984 (uMthetho 84 ka-1996) (*South African Schools Act) 84 of 1996 ("SASA")* ethintela imisebenzi yezopolitiko ngexesha lesikolo kwipropati yesikolo, iqulethwe kwisiqendu 33A se-SASA. Imigqaliselo efanayo ikwaqulethwe kwisiqendu 46(B) soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 ("uMthetho wePhondo) (uMthetho 12 ka-1997).

3. Isiqendu 46B(5) soMthetho wePhondo, silichaza **ixesha lesikolo** “njengamaxesha osuku lwesikolo amiselwe libhunga lolawulo phantsi kwesiqendu 21A(1)(g), kunye nalo naliphi na ixesha elilelinye ekuqhubeka ngalo imisebenzi yesikolo yasemva kweyokufunda nokufundisa (*curricular or extra-curricular activities*) kumasango esikolo”, yaye isiqendu 21A(1)(g) soMthetho wePhondo (*Provincial Act*) sicacisa ukuba “ibhunga lolawulo lesikolo sikarhulumente liya kumisela amaxesha osuku lwesikolo angqinelana nayo nayiphi na imiqathango yezengqesho esebenzayo yootitshala nabasebenzi besikolo”.
4. Isiqendu 33A se-SASA sicacisa ukuba akukho misebenzi yamaqela ezopolitiko enokwenziwa esikolweni ngexesha lesikolo. Imisebenzi yezopolitiko yamaqela iquka kodwa ingaphelelanga kule—
- (a) ukukhankasa;
  - (b) ukubamba iirali (*rallies*)/iindibano zezopolitiko;
  - (c) ukuhanjiswa kweephambflethi neeflaya;
  - (d) ukuxhonywa okanye ukubekwa kweephowusta neebhena;
  - (e) ilungu leqela lopolitiko elikhankasela iivoti okanye elindwendwele isikolo ngezizathu ezinxulumene nemisebenzi yamaqela ezopolitiko;
  - (f) ukuboniswa kwamathiriyeli enengcaciso ngamaqela ezopolitiko kumasango esikolo. ngaphandle kokuba imathiriyeli yamaqela ezopolitiko elolu hlobo inxulumene nekharithulam kweso sikolo;
  - (g) ukunxitywa kwezivatho/kweempahla zezopolitiko ezinemiyalezo/ezinemibhalo yamaqela ezopolitiko;
  - (h) iintetho zamaqela ezopolitiko; kunye
  - (i) nokusetyenziswa kwezixhobo zesikolo ukufotokopa iiflaya zezopolitiko okanye ukuthumela okanye ukufumana ii-imeyili ezinekhontenti yamaqela ezopolitiko kwiikhompyutha zezikolo.
5. Imigqaliselo yezomthetho ecaciswe kule setyhula inentsingiselo yokuba xa kufundiswa ngezopolitiko nangemiba yezopolitiko njengenxalenye yekharithulam okanye yeeprogram zemfundo ngemiba karhulumente echaphazela abemi:
- 5.1 Ootitshala mabahlale bengathathi cala yaye bangazibandakanyi xa kuxoxwa ngemiba yezopolitiko eklasini nasesikolweni.
  - 5.2 Utitshala uthintelekile ukuba abelane nabafundi ngeembono zakhe buqu ngezopolitiko ngexesha lesikolo.
  - 5.3 Imathiriyeli yokufunda imele ukujongiswa ukwenzela ukuhlolwa ukuba ngaba ifanelekile na kwiminyaka yobudala babafundi, nokuba inika iimbono ezingqinelanayo na yaye ayibhekiselelanga kwicala elithile leqela lezopolitiko.
  - 5.4 Iimfundiso ezisisiseko zedemokhrasi ekwabelwana ngazo nezixhasa uluntu lwethu njengoko kucacisiwe kuMqulu waMalungelo (*Bill of Rights*) oqulethwe kuMgaqo-siseko weRiphabliki

yoMzantsi Afrika (*Constitution of the Republic of South Africa, 1996*), zimele ukubethelelwa zizikolo.

6. Kuba i-SASA noMthetho wePhondo ziyithintela imisebenzi yezopolitiko yamaqela ngexesha lesikolo kuphela, oko kuthetha ukuba le misebenzi inokuqhubeka kuphela ngaphandle kwexesha lesikolo. Amabhunga olawulo anokwenza isigqibo malunga nokuba ngaba aya kuyivumela na imisebenzi yezopolitiko iqhutywe kumasango esikolo ngaphandle kwexesha lesikolo. Nakuba kunjalo, kwakuba kunikwe imvume, isikolo asinakuyipapasha le misebenzi yamaqela ezopolitiko yaye masibenenkathalo ngendlela esengqiqweni ukuqinisekisa ukuba ukuba oko akunantsingiselo yokuba isikolo sinike inkxaso okanye siyayivuma le misebenzi. Ibhunga lolawulo linokuvumela kuphela imisebenzi yamaqela ezopolitiko phantsi kwezi meko zilandelayo:
- (a) Makunikwe imvume ngencwadi ebhaliweyo yaye makusayinwe imvumelwano nabaququzeleli bemisebenzi.
  - (b) Imisebenzi yezopolitiko mayizingachaphazeli iiprogram zokufunda okanye iiprogram zemisebenzi eyenziwa neyokufunda eqhutywa esikolweni ngelo xesha;
  - (c) Imithetho kamasipala echaphazelekayo kuqukwa naleyo imalunga neepemithi zemisebenzi (*permits for events*), iimfuno zokhuseleko nemiqathango ngamaqondo engxolo, mayilandelwe ngabaququzeleli;
  - (d) Isikolo masenze yonke imigudu yokuqinisekisa ukuba kukho indawo yokupaka iimoto eyaneleyo kumasango esikolo ukulungiselela abaze kumsebenzi wezopolitiko walo naliphi na iqela lezopolitiko, ukwenzela ukuqingqa inani labantu abapaka iimoto ngaphandle kumasango esikolo, abathi ngokwenjenjalo baphazamisane nokuhamba kwezithuthi ekuhlaleni.
  - (e) Iqela lezopolitiko elilungiselela umsebenzi malibe neemashali nonoogada bezopolitiko ukuqinisekisa ukuba kugcinwa ucwangco nembeko phambi, ngethuba nasemva komsebenzi;
  - (f) Akukho butywala mabuselwe kumasango esikolo phambi, ngethuba nasemva komsebenzi;
  - (g) Akukho ziyobisi mazisetyenziswe kumasango esikolo phambi, ngethuba nasemva komsebenzi;
  - (h) Akukho zingoma nemixhentso mayivunyelwe ngaphandle kwamasango esikolo phambi, ngethuba okanye emva komsebenzi;
  - (i) Abaququzeleli mabaqinisekise ukuba akukho mntu uphantsi kweempembelelo zesiselo esinxilisayo okanye zeziyobisi ngokubonakalayo oze kulo msebenzi;
  - (j) Abaququzeleli mabaqinisekise ukuba iyathotyelwa yaye igcinwe imigaqo yezempilo nokhuseleko eqhelekileyo emiselweyo;
  - (k) Abaququzeleli mabaqinisekise ukuba abugqithisanga ubungakanani bomthamo wazo zonke iindawo ezisetyenziswayo.
  - (l) Abaququzeleli mabaziswe ukuba zeziphi na iindawo zesikolo ekungena kungenwa kuzo yaye imibhalo eyalathayo (*signage*) mayixhonywe ukuqinisekisa ukuba abantu abazileyo bayayithobela.
  - (m) Abaququzeleli mabaqinisekise ukuba yonke imathiriyeli yamaqela ezopolitiko emalunga nemisebenzi iyasuswa kumasango kanye ngqo emva komsebenzi.

7. Avumelekile amathuba okundwendwelwa kwezikolo ukwenzela ukuhlolwa kwazo ngamalungu epalamente kazwelonke kunye/okanye ephondo. Nakuba kunjalo, kubalulekile ukuqaphela ukuba akukho malungu epalamente kazwelonke kunye/okanye yephondo anokunxiba izivatho zombutho wezopolitiko okanye enze iintetho zamaqela yezopolitiko ngexesha lesikolo.
8. Iintetho zezopolitiko zamaqela okanye imathiriyeli yokukhankasa nayo ayivumelekanga kwiphetshana leendaba lesikolo (*school newsletter*), okanye kwiziko lewebhu lesikolo okanye kumaqonga amakhasi onxibelelwano (*social media platform*), kuba oko kunokuthathwa njengemathiriyeli evunyiweyo sisikolo. Oku kukwabhekiselele kwimiyalezo ekuzo naziphi na iibhilibhodi okanye iibhodi ekuxhonywe kuzo iintengiso/izibhengezo (*billboards or hoardings*) ezibekwe, ezakhiwe okanye ezifakwe kumasango esikolo ukwenzela iinjongo zopapasho.
9. Imigqaliselo kwimithetho ekubhekiswa kuyo kule setyhula ithwalisa uxanduva ibhunga lolawulo ukuqinisekisa ukuba ukusetyenziswa kwepropati yesikolo, kuqukwa neenjongo zezoqoqosho, kwenziwa ngendlela eyithobelayo yonke imithetho esebenzayo.
10. Ukungaphumeleli ukuqinisekisa ukuba ezi mfundo zimiselweyo kule setyhula ziyafezekiswa kunokubangela ukuba kuthathwe amanyathelo oluleko ngakwabo bophuli-mthetho baqeshwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni okanye abo baqeshwe libhunga lolawulo lesikolo esichaphazelekayo.
11. Le setyhula itshitshisa yaye ithathe ngokupheleleyo indawo yeSetyhula 0047/2013.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS  
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**  
**UMHLA:** 2024-02-29